



# VAKALISA ULUVO LWAKHO! ISICWANGCISO ESILUYILO SOMHLABA ONGAMABALA OYINDAWO YEZILWANYANA NEZITYALO EZAHLUKENEYO (OYIBHAYODAYIVESITHI) SASEKAPA SANGOWAMA2025

ISebe loLawulo lokuSingqongileyo leSixeko lihlahlaziya iSicwangciso seNgingqi sokuSingqongileyo, esamiselwa njengomgoqonkqubo weBhunga ngowama2015, kwakhona kwatshintshwa igama ukuba ibesiSicwangciso somhlaba ongamaBala oyiBhayodayivesithi saseKapa. Lo mgaqonkqubo uluyilo uqulathe isishwankathelo sebhayodayivesithi yaseKapa, iBioNet yaseKapa yango2024 nezikhokelo ezinxulumene noko zokusetyenziswa komhlaba.

## UMgaqonkqubo kufuneka uhlaziyiwe, ngokwezi zizathu zintathu ziphambili:

1. Ukulungelelaniswa kweBioNet yaseKapa yango2024
2. Ukuba ulungelelane nomthetho ohlaziyiweyo, eminye imigaqonkqubo nezicwangcisobuchule
3. Ukuba kutshintshwe igama lomgaqonkqubo ukuba ulungelelane noMthetho ongeBhayodayivesithi waseNtshona Koloni wango2021

UMgaqonkqubo oluyilo uyangqinelana nomthetho wesizwe nowephondo kunye nezibophelelo zehlabathi ezingebhayodayivesithi. Ulungelelaniswe neSicwangciso soPhuhliso ngokuHlanganisiweyo seSixeko saseKapa sangowama2022 - 2027, iSakheko soPhuhliso lomhlaba ongamaBala sikaMasipala sango2023 neZakheko ezisibhozo zoPhuhliso lomhlaba ongamaBala eSithili sango2023.

Ngokwecandelo17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo ukususela ngowe13 kweyoMdumba (Febhuwari) ukuya kowe13 kweyoKwindla (Matshi) 2025.

## Izimvo zingangeniswa:

**Ngeimeyile:** [public.participation@capetown.gov.za](mailto:public.participation@capetown.gov.za)

**Kwikhonkco lobuchwepheshe:** [www.capetown.gov.za/collaborate](http://www.capetown.gov.za/collaborate)

**Izingeniso ezibhaliweyo:** Kuzo zonke izakhiwo zamathala eencwadi eSixeko nakwiifisi zamabhungana



IYunithi yeNtathoxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba ifumane izimvo okanye izilungiso zabo ukuba zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana neYunithi engeNtathoxaxheba yoLuntu kwa 0800 212 176 ukuze ucele uncedo ekungeniseni izimvo zakho.

Ngokwemibuzo ngokuphangaleleyo, nceda uimeyilela kwa [Enviro.GIS@capetown.gov.za](mailto:Enviro.GIS@capetown.gov.za).

LUNGELO MBANDAZAYO  
UMPHATHI WESIXEKO  
CTA16/2025



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.